# Yintoni ilungelo ngokwasempilweni?

I-lungelo ngokwasempilweni lithetha ukuba urhulumente kufuneka athathe amanyathelo ukuqinisekisa ukuba bonke abemi banamathuba alinganayo okuphila ixesha elide nobomi obusempilweni kwaye oku kubandakanya


- ilungelo lokuhlala kwindawo ekhuselekileyo, necocekileyo
- ilungelo lokukhalaza nokufumana iinkonzo zempilo ezifanelekileyo
- ilungelo lempilo yinto yomntu wonke, otyebileyo nohluphekileyo, ngaphandle kokucalulwa.

## Unelungelo lokubasempilweni!

Urhulumente kufuneka akuncede ukuba uphile kwindawo ekhuselekileyo necocekileyo nokuqinisekisa ukuba uyakwazi ukufikelela kwiinkonzo zempilo ezaneleyo. Akwanelanga ukuba urhulumente athi uza kuzama okanye uzama ngako konke okusemandleni, kufuneka ahambelane nezibophelelo azenzileyo. (Jonga kwiXwebhu loku-1). Kufuneka uqhankqalaze ukuba urhulumente akazifezekisi izithembiso zakhe.

## Oku kuko okwenza amalungelo oluntu ohluke kwezinye izikhalazo zokuhanjiswa kweenkonzo!

# Ubandakanyeka koluntu.



*U-Emma unengqele. Ugqiba ukuba athabathe usuku emsebenzini ukuze aye kwiZiko lezoNyango – ekliniki (CHC) ngenjongo yokufumana unyango. Kukho imikrozo emide eCHC. Emva kokulinda iiyure ezininzi umongikazi uthi bagqibile ukunceda abantu bengasayi kuphinda bancede mntu ngolo suku. Kunyanzeleka ukuba ahambe engancedakalanga, noxa ukufikelela kwiinkonzo zempilo ililungelo elikuMthetho wamaLungelo kwaye iCHC nayo yazibophelela ukufikelelisa eli lungelo. Uye wakhalaza kwabanye abasebenzi baseKliniki, kodwa akukho mntu umameleyo.*

## Singanceda njani ukuze ilungelo kwezempilo lisebenze?

U-Emma uxelela umhlobo wakhe, baze baqokelele abanye abahlali ukufumana inkxaso kwaye baqhankqalazele ukuba urhulumente afezekise izithembiso zakhe nokuba akhusele, ahlonele kwaye aphumeze ilungelo lika-Emma nelabanye nokuba ilungelo labo lokufumana uncedo kwezempilo lihlonitshwe. Bagqiba ekubeni badibane babe liqela elimanyeneyo ukuze badibane nesigqeba saseKliniki. Isigqeba siyavuma ukuba u-Emma unelungelo lokufumana unyango kwaye isigqeba siye singenelele ukuqinisekisa ukuba amalungelo ka-Emma akagxojwa nokuba ufumana unyango olufanelekileyo ngokweempawu zakhe zokugula.

Umqulu wamaLungelo eziGulane uyasichazela ngamalungelo noxanduva lwethu kwaye uyasifundisa ukuba kufuneka somelele, sidlale indima kwaye siqokelele uluntu ukuqinisekisa ukuba amalungelo ethu ayafikeleleka. Umqulu wamalungelo kufuneka ubekwe kuzo zonke izibhedlele neekliniki.

## Kutheni lento kufuneka siqokelelene kwaye kufuneka sime kunye?

Xa u-Emma wayeyedwa, akukho namnye owayenokumamela, noxa wayesazi ukuba wayenelungelo lokufumana uncedo lwezempilo. Njengenkabi yenkomo elimayo emasimini okanye abantu abakha indlu, kusebenza ngakumbi ukuba kunye xa sisilwela amalungelo ethu. Ukwazi nokuqonda amalungelo oluntu kungaxhobisa abantu noluntu ukutshintsha iimeko ezidala impilo yabo ingabintle. Oku kuthetha ukuba abantu kufuneka bathathe inxaxheba ekuziseni utshintsho kwimimandla abahlala kuyo nokuba urhulumente kufuneka akwazi ukubenza abantu bathathe inxaxheba. Le yinxalenye yedemokhrasi yethu.



## Iingcali zezempilo zingasinceda njani ukuze siwaxhamle amalungelo ethu ezempilo?

Iingcali zezempilo zingasinceda ukwazisa abantu ngamalungelo oluntu. Ukuma kunye nezigulane, kunga-:

- khalazela imithombo eyaneleyo yempilo kurhulumente.
- bangela umoya omhle wokusebenzisana ngentlonipho nonxibelelwao olululo phakathi kwabanikezeli ngeenkonzo nezigulane
- nceda izigulane ukuze zifumane lula ulwazi oluyimfuneko
- nciphisa iimpazamo nokungaqondani
- bangela ukuba uncedo lwezempilo lwanele kwaye lusebenze.




Ukuze sibenakho ukuthabatha inxaxheba ekwenzeni inguqu, kufuneka sisebenzise ilungelo lethu lokubamba iintlanganiso zethu ngaphandle kwezithintelo, sithethe phandle izinto ezisityayo, sifumane ulwazi neenkcukacha ezithe nqo

nokuvakalisa izikhalazo zethu kwabasemagunyeni

Ingaba uyabazi abameli abakwisigqeba seziko lezempilo lasekuhlaleni? Dibana nabo! Thetha nabo! Zama ukubazi








Phakama! · Thetha phandle! · Yenza imigushuzo!

Impilo eyiyo lilungelo lakho

CC BY NC SA

Ukuba ufuna ezinye iinkcukacha nceda uqhagamshelane:

**The People's Health Movement**
Umnxeba: 021 9326042
Ifeksi: 021 9327707
Url: www.phmovementsa.org
Email: PHMsouthafrica@gmail.com

**Open Democracy Advice Centre**
Physical Address: 6 Spin Street, Cape Town
Telephone: +27 21 467 5673
Fax: +27 21 461 2814
Email: odac@opendemocracy.org.za

1. I-lungelo lokubasempilweni
2. Ukubandakanyeka koluntu nelungelo lokubasempilweni
3. Umqulo yamalungelo esigulane
4. amalungelo omntu ngamnye nawomntu wonke kwimpilo kawonke-wonke
5. Ukufikelela lula kulwazi oludingekayo
6. Amalungelo nokwabiwa kwemithombo yempilo

People's Health Movement

UNIVERSITY OF CAPE TOWN

Oxfam

Design and layout by Designs4development, email: info@d4d.co.za